



## Isicelo Sotyumbo

# UKONYULELWA KWAMALUNGU AMANE (4) KWIBHODI YE-ARHENTE YOPHUHLISO NOKWAHLUKA KWAMAJELO OSASAZO (I-MDDA)

Amaziko kunye/okanye abantu bayamenywa ukuba batyumbe abantu abaza kuvala izithuba ezine (4) zamalungu angengawo awesigqeba kwiBhodi ye-Arhente yoPhuhliso nokwAhluka kwamaJelo oSasazo, ngokuhambelana necandelo le-4 loMthetho we-Arhente yoPhuhliso nokwAhluka kwamaJelo oSasazo, onguNomb1 14 wowama-2002.

I-MDDA yenzelwa ukuvumela “uluntu olwaluhlelekile ngaphambili kunye nabantu ababengancedwa ngokufanelekileyo ngamajelo osasazo” ukuba bafikelele kuwo. Abaxhamla kuyo ngamajelo osasazo asekuhlaleni kunye namajelo osasazo orhwebo amancinane.

ILungu leBhodi liza kuba: • Ngumntu ozimiseleyo ekubeni angabi namkhethe, othetha ngokukhululekileyo, othetha ngokuphandle kwaye athathe uxanduva lokuphendula • Ongummeli wecandelo lilonke ngokubanzi labantu beRiphabhliki kwaye abe neziqinisekiso ezifanelekileyo zemfundo, abe yingcali kwaye abe namava kula makhondo, phakathi kwezinye izinto: amajelo oSasazo asekuHlalani; imiba yezeNtlalo, imiSebenzi kunye noPhuhliso; amajelo oSasazo, uQoqosho, uLawulo lweziMali nokuXhasa ngemali; Ukupapasha nokuRhweba; ukuCwangciselela ubuNtatheli noSasazo lukamaBonakude noNomathotholo; uPhando lwamaJelo oSasazo; uQeqesho kuMajelo oSasazo; ukuFunda nokuBhala kunye neMfundo; uMthetho wamaJelo oSasazo; kunye nomgaqo-nkqubo woBuchwephetshe beeNkcukacha noNxibelelwano; okanye nabuphi na ubungcali okanye iziqinisekiso zemfundo. Kwakhona abatyunjwa kufuneka babe ngabemi boMzantsi Afrika abasisigxina abahlala apha kwiRiphabhliki.

Iziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zibe negama nedilesi epheleleyo yeziko kwaye/okanye umntu owenza utyumbo, into etyikitywe ngumtyunjwa ebonakalisa ukuvuma ukutyunjwa kunye neCurriculum Vitae yakhe, enobuncinane bezi zinto zilandelayo: • Igama elipheleleyo, iNombolo yeSazisi kunye neSini • iDilesi yoQhagamshelwano, iinombolo zomnxeba kunye nezefeksi, idilesi ye-imeyili • Amava angaphambili (achaza imihla kunye namaziko ekubhekiselelwa kuwo) • Iikopi eziqinisekisiweyo zeziqinisekiso zemfundo kunye neyesazisi.

Utyumbo kunye nemibuzo mazithunyelwe ku-Portfolio Committee on Communications (Attention: Mr Thembinkosi Ngoma, Committee Secretary), 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye zi-imeyilelwe ku-tngoma@parliament.gov.za okanye zifekselwe ku-0865225740. Imibuzo ngomnxeba ingenziwa ku-(021) 403 3733 okanye 0837098407.

Umhla wokuphelelwa kotyumbo nguLwesihlanu umhla we-6 kweyeKhala 2018 ngentsimbi ye-16:00. Nceda uqaphele ukuba kuza kujongwa iziqinisekiso zemfundo kuze kwenziwe nogunyaziso lokufikelela kulwazi oluyimfihlelo kubatyunjwa. Utyumbo olungene emva kwexesha elimisiweyo aluzukunikwa ngqwalasela.

Sikhutshwe nguMnu Humphrey Maxegwana, iLungu lePalamente: uSihlalo weKomiti eJongene neMicimbi yeSebe lezoNxibelelwano.

**Parliament. Making Democracy Work.**